


NguMongameli Thomas S. Monson

# Uvukile!

*Ingcwaba elingenanto ngalaa ntsasa yokuqala yePasika yayiyimpendulo yombuzo kaYobhi, "Ukuba indoda iyafa, ingaba ingaphila kwakhona?"*

Lo mhlangano ubemhle kakhulu. Endaweni yabo bonke abathathe inxaxheba elizwini kunye okanye emculweni, njengoMongameli weCawa, Ndikhethe ukutsho into elula kuni ngawo lomzuzu nje amagama amabini, awaziwa njengawona magama abalulekileyo kulwimi lwesiNgesi. KuDade Cheryl Lant kunye namasekela akhe, ikwayari yabo, abantu bomculo, izithethi, loo mazwi athi "Ndiyabulela."

Kwiminyaka emininzi edlulileyo, ngoku ndandise London, eNgilani, Ndandwendwela eyaziwayo indawo yobugcisa kudwebo lemifanekiso neziphiwo zobugcisa iTate Art Gallery. Imisebenzi ka Gainsborough, Rembrandt, Constable, kunye nabanye abangamagcisa babekwa emagumbini ngamagumbi. Ndathanda ubuhle babo kunye nobugcisa babo obaziwayo Obabufuneka ukuze kudalwe lemifanekiso mihle ngendlela emangalisayo. Okwakufihliwe ekoneni ethulileyo kwinqanaba lesithathu leso sakhiwo yayingumzobo owatsala wabamba konke ukumamela nomdla wam kunye nentliziyo yam. Umzobi, Frank Bramley, wazoba indlwana ethobekileyo ejonge ulwandle olutshayelwa ngumoya. Abafazi ababini, umama kunye nomfazi womlobi weentlanzi owayengekho, babukela kwaye balinda ubusuku bonke ukuba abuye. Ngoku ubusuku babudlulile, kwaye wayamkela into yokuba umyeni wakhe wayelahlekile elwandle kwaye wayengabuyi. Eguqa ecaleni komamazala wakhe, intloko yakhe ibekwe yasingathwa ngulomfazi umdala yena, loo mfazi umncinci waye khala esentlungwini kakhulu. Ikhandlela elaliphelile efestileni lalichaza ngaloo mlindo.

Ndayiva intlungu yentliziyo yalomfazi; ndava uzilo lwakhe. Umbhalo umzobi awawubhalayo ukuchaza ibali lentlekele yalo mfanekiso. Wawusithi, Ikhwezi Lokusa Elingenathemba.

Oh, Indlela lo nkosikazi osemncinci awayelangazelela ngayo intuthuzelo, ewe kanye nokuyinyaniso okukhoyo, "umhlangano wombhedesho ngeculo" lika Robert Louis Stevenson.

*Ikhaya ngumkhenkethi*
*wolwandle, ekhaya esuka*
*elwandle,*
*Kwaye nomzingeli ekhaya esuka*
*endulini.*[1]

Phakathi kwazo zonke izinto eziyinyaniso ezenzekayo zobubomi basemhlabeni, ayikho eqiniseke njengesiphelo sabo. Ukufa kuza kuye wonke umntu; kulilifa lajikelele lehlabathi lonke; kungathabatha [ama]xhoba ako besandul'ukuzalwa okanye belulutsha, [kungandwendwela] exesheni apho ubomi bubaluleke kakhulu, okanye ubizo lwako lunga lityaziswa de amakhephu okukhula kweminyaka yomntu aqokelelane phezu . . . kwentloko; kungehla ngenxa yengozi okanye yesifo, . . . okanye . . . ngenxa yendalo; kodwa ukuza kwako kuyafika."[2] Ukufa kubonakalisa okunganqandekiyo ulahlekelo olubuhlungu kakhulu lokuphilisana kwaye, ingakumbi kwabasebatsha, ukubetheka okuqhekezayo amaphupha angakaphunyezwa, iminqweno neenjongo ezingekazaliseki, kunye namathemba atshabalale.

Ngomphi umntu apha emhlabeni, omelana nokulahlekelwa ngumtu amthandayo okanye, kwenzeke, emile yena okanye omnye kwindawo elibala lokungapheliyo lanaphakade, ongazange azikise ukucinga ngoku ngaphaya kwesigqumathelo

esi esahlula okubonakalayo nokungabonakaliyo?

Kwinkulungwane ezadlulayo indoda egama linguYobhi—wayesikelelwe ixesha elide ngezinto zalapha emhlabeni zenyama, kodwa wazifumana enzakele kabuhlungu yiyo yonke into enokwehlela umntu ophilayo—wahlala kunye namaqabane akhe kwaye watsho umbuzo ongagugiswayo lixesha, "Ukuba umntu uyafa, ingaba uyakuphila kwakhona?"[3] uYobhi wayethetha into wonke umntu obhinqileyo noyindoda akhe wayizikisa ukuyicinga.

Le ntsasa inozuko yePasika Ndingathanda ukucingisisa nokujongisisa umbuzo kaYobhi—"Ukuba umntu uyafa, ingaba uyakuphinda aphile?"—kwaye ndininike impedulo engaveli ekuzikiseni ukucinga nje qha kodwa ivela kwakhona elizwini lika Thixo elityhiliweyo. Ndiqala ngokubalulekileyo.

Ukuba kukho umzobo oyinjongo apha emhlabathini esiphila kulo, kufanele kubekho Umzobi. Ngubani okwaziyo ukubona yonke imimangaliso yehlabathi lonke ligqibelele aze angakholelwa ukuba kukho umfanekiso ongumzobo wawo wonke umntu? Ngubani ongathandabuza ukuba kukho Umzobi?

Kwincwadi iGenesisi siyafunda ukuba uMzobi oMkhulu wadala izulu kunye nomhlaba: "Kwaye ihlabathi lalisisibhukubhuku esingakhiwanga, kwaye uyindawo engenanto tu uliqokobhe; kwaye kumnyama ubumyama busebusweni bobunzulu."

"Makubekho ukukhanya," watsho, Umzobi oMkhulu, "kwaye kwabakho ukukhanya" wadala indawo enkulu awayitsala ezulwini walandisa izulu. Wahlukanisa umhlaba emanzini ze wathi, "Umhlaba mawuzise ukhulise ingca, . . . umthi weziqhamo uveze iziqhamo zawo, imbewu yawo ekuwo."

Wadala ukukhanya kabini—ilanga kunye nenyanga. Kwaza iinkwenkwezi ngokomzobo wakhe. Wabiza ukuba indalo ephilayo ibekho emanzini kwaye neentaka zokubhabha ngaphezulu komhlaba. Kwaye kwaba njalo. Wadala iinkomo, izilwanyana, kunye nezinto ezirhubuluzayo. Umzobo wakufuphi ukuba ugqibelele.

Okokugqibela, Wadala umntu ngokomfanekiso wakhe—indoda kunye nomfazi—babanamandla nolawulo ngaphezu kwazo zonke ezinye izinto eziphilayo.[4]

Umntu yedwa wafumana ubukrelekrele—ingqondo, ukuqonda, kwaye nomphefumlo. Umntu yedwa, onezimpawu, wayenamandla okukwenza ngokholo kunye nethemba, ngenxa yempembelelo kunye neminqweno yakhe alangazelela ukuyifeza.

Ngubani ongaqhubekeka aphikisane nalandonda—owona msebenzi ulungileyo woMzobi OMkhulu, onolawulo phezu kwazo zonke izinto eziphilayo, onengqondo kunye namandla, onengqondo yokucinga kunye nomphefumlo, onobukrelekrele kunye nezulu—oyakuza esiphelweni xa umoya ushiya itempile yawo yomhlaba?

Ukukwazi ukuqonda intsingiselo yokufa, kufuneka sonwabele sixabise injongo yobomi. Isibane esinkungu sokukholelwa kufuneka sisondele kwilanga lasemini elisityhilelayo, esazi ngalo ukuba sasiphila phambi kokuba sizalwe kobubomi basemhlabeni. Kwinqanaba lethu laphambi kobubomi basemhlabeni, sasingathandabuzi nakancinci phakathi koonyana kunye nabantwana abangamantombazana bakaThixo ababengxolela beyiyizela lulonwabo ngenxa yethuba lokuba size kulomhlaba usitsalisa nzima kodwa uphinde ubange ukuba kunyanzeleke ukuba sibekho kuloomhlaba siphila kuwo.[5] Sasisazi ukuba injongo yayikukuba sifumane umzimba wenyama wasemhlabeni, sinqobe ubunzima kwaye sizibonakalise ukuba siyakuyigcina imithetho kaThixo. UBawo wethu wayesazi ukuba ngenxa yendalo nesimo sendalo yobubomi bomhlaba, sasizakuhendwa, sonde, kwaye siphazamiseke singafikeleli ncam. Ukuze sibe nethuba lokuphumelela wasinika uMsindisi, oyakusokola kwaye afele thina. Wayengazokuhlawulela izono zethu qha, kodwa okuyinxenye yalaNtlawulo, Wayeyakoyisa ukufa kwenyama oku esasijongene nako ngenxa Yokuwa kukaAdam.

Ngoko ke, emva kokudlula kweminyaka engaphaya kweyi 2,000, UKrestu, UMsindisi wethu wazalwa kokubomi basemhlabeni estalini samahashe eBhetelehem. UMesiya ekwathethwa ngaye kudala—ngaphambili wafika.

Kwakukho okuncinci kakhulu okwabhalwayo ngobukhwenkwe bukaYesu. Ndithanda laa migca ikwincwadi kaLuka: "Kwaye uYesu wakhula ngesithomo nangobulumko ebabalwa nguThixo, kwaye ethandwa ngabantu."[6] Kwaye kwincwadi yeZenzo, kukho isishwankathelo esimalunga ngoMsindisi enentsingiselo

enkulu njengehlabathi: "[Wa] yehamba kulo lonke nabo bonke esenza okulungileyo."[7]

Wabhaptizwa nguYohane emlanjeni iYordane. Wabiza Abapostile Abalishumi Elinesibini. Wasikelela abagulayo. Wenza abazizidalwa abangakwazi ukuhamba ukuba bahambe, abazimfama babone, abazizithulu bave. Wade wavusa abafileyo babanobomi. Wafundisa, Wangqina, kwaye wanika umzekelo ogqibeleleyo wokuba siwulandele.

Kwaye emva koko ubufundisi nenjongo yobomi boMsindisi basemhlabeni bafika esiphelweni. Isidlo sasebusuku kunye nabapostile Bakhe sesenzeka kwigumbi eliphezulu. Ngaphambili kwakume iGetsemane kunye nomnqamlezo waseKhalvari.

Akukho mntu nje walapha emhlabeni ongakwazi ukuqonda ngokupheleleyo ukubaluleka kwento uKrestu awasenzela yona eGetsemane. Yena ngoBuqu Bakhe emva kwexesha wayichaza ithuba lamava ache: "[I] ntsokolo yandenza mna ngobuqu, kanye noThixo, Oyena umkhulu kunabo bonke, ukuba angcangcazele ngenxa yentlungu, kwaye ophe igazi kuwo wonke imingxunyana yolusu, kwaye asokole ngokomzimba kunye nangokomoya."[8]

Okulandela laa ntlungu yaseGetsemane, ngoku ediniwe efunxwe onke amandla, Wabanjwa ngabarhabaxa kwaye wathathwa wasiwa phambi koAnnas, Khayifas, Pilati, kunye noherode. Watyholwa kwaye wathukwa. Ukubethwa ngenkohlakalo enzulu kwawahlisa ngaphezulu umzimba Wakhe qhotywe zintlungu. Igazi lampompoza ebusweni Bakhe njenge sithsaba esikhohlakeleyo esenziwa ngameva abukhali esanyanzelwa phezu kwentloko yakhe, bugqobhoza ishiya Lakhe. Kwaye kwakhona Wathathwa wasiwa kuPilati, owanikezela kwizikhalo zelogqubha elalinomsindo: "Mbetheleleni, mbetheleleni."[9]

Wahlaselwa ngokubethwa ngesabhokhwe okanye imvubu eyayinemitya yesikhumba eqinileyo eyayi nezinto zentsimbi ezibukhali kwaye amathambo agoba. Ephakama kulonkohlakalo yokwahlwaywa, egxadazela Wathwala umtwhalo Wakhe ngokwakhe wade akakwazi ukuqhubekeka ahambele phambili kunye negxalaba lokuMthwalisa loo mthwalo.

Ekugqibeleni, endulini ebizwa ngokuba yiKhalvari, ngoku abalandeli ababenganakukwazi ukunceda babebukele, umzimba Wakhe onamanxeba wabethelelwa emnqamlezweni. Kungekho nceba kwahlekiswa Ngaye kwaye wathukwa kwaye bamtsalela phantsi. Kowa Wakhala, "Bawo baxolele; kuba abyazi into abayenzayo."[10]

Iiyure ezazinzima zadlula njengokuba ubomi Bakhe babucutheka. Kwimilebe yomlomo wakhe onxaniweyo kwaphuma amazwi, Bawo, ezandleni zakho ndiwunikela khona umoya wam: kwaye egqibile ukuthetha oko, wawunikela phezulu umoya."[11]

Njengokuba inzolo kunye nentuthuzelo yokufa okunenceba baMkhulula kwiintlungu zobubomi basemhlabeni, Wabuyela ebukhweni bukabawo Wakhe.

Emzuzwini wokugqibela, iNkosi yayinokujika ibuyele umva. Kodwa akazange enze njalo. Wadlula ngaphantsi kwazo zonke izinto ukuba asindise zonke izinto. Umzimba wakhe ongenabomi wakhawulezelwa kodwa ngocoselelo wabekwa engcwabeni elibolekiweyo.

Akukho mazwi emaKrestwini anenkcazelo ebalulekileyo kum kunala athethwa yingelosi kuMariya waseMagdaleni owayelila kunye nomnye uMariya xa, kusuku lokuqala lweveki, bathi xa babesezakufika engcwabeni uyokukhathalela umzimba weNkosi yabo. Kwathetha ingelosi:

"Kutheni nikhangela abaphilayo phakathi kwabafileyo?

"Akekho apha, kodwa uvukile."[12]

UMsindisi wethu waphila kwakhona. Esona sehlo sinozuko nobuqhaqhawuli, esinentuthuzelo, kwaye esiqinisekisayo kuzo zonke izihlo kwimbali yoluntu sesenzeka—ukunqotywa kokufa. Intlungu kunye nenxwaleko yaseGetsemane naseKhalvari yasulwa yasuswa. Intsindiso yabantu yayikhuselwe yaqinisekiswa. Ukuwa kukaAdam kwathatyathwa kwakhona.

Ingcwaba elingenanto ngaloo ntsasa yangePasika yaba yimpendulo yombuzo kaYobhi, "Ukuba umntu uyafa, ingaba angaphila kwakhona?" Kubo bonke abakufutshane naphakathi kwesandi selizwi lam, Ndinazisa, Ukuba umntu uyafa, uyakuphila kwakhona. Siyayazi, ngokuba sinokukhanya kwenyaniso etyhiliweyo.

"Ngokuba ngenxa yomntu kwafika ukufa, ngomntu kwafika uvuko lwabafileyo.

"Ngokuba kuAdam bonke bayafa, kanye nakuKrestu bonke bayakuphila."[13]

Ndifundile—kwaye Ndiyakholelwa

—ubungqina babo abanamava onxunguphalo lweNtshutshiso kaKrestu kunye novuyo loVuko Lwakhe. Ndifundile—kwaye Ndiyabukholelwa—ubungqina babo baseLizweni Elitsha ababendwendwelwe yiNkosi enye eyavukayo.

Ndiyabukholelwa ubungqina bomnye, wakwelixesha lalenzala, owathetha kunye noBawo kunye noNyana egcumeni lemithi ngoku ebizwa ngcwele kwaye owanikela ngobomi bakhe, etywina obobungqina ngegazi lakhe. Wasazisa:

"Kwaye ngoku, emva kobungqina babaninzi obunikiweyo ngaye, obu bubungqina, bokugqibela kubo bonke, esibunikayo ngaye: Ukuba uyaphila!

"Ngokuba sambona, ewe kanye ngase sandleni sasekunene sikaThixo; kwaye saliva ilizwi lingqina ukuba nguye Yedwa Intandane eyazalwa nguThixo."[14]

Ubumnyama bokufa bungasoloko bugxothwa kukukhanya kwenyaniso etyhiliweyo. "Ndiluvuko, kunye nobomi," yathetha iNkosi.[15] Uxolo ndilushiya kunye nani, uxolo lwam ndilunika nina."[16]

Kule minyaka igqithileyo Ndivile kwaye ndafunda ubungqina obuninzi obunikiweyo endingakwaziyo nokububala, okwabelwana nam ngabantu abahlukileyo abangqina ngenyaniso eyenzekayo yoVuko kwaye abamkele, kwiiyure zokuswela okukhulu, uxolo kunye nentuthuzelo ezathenjiswayo nguMsindisi.

Ndiyakunichazela nje indawana yokwenzekayo kwezizehlo. Kwiiveki ezimbini ezidlulileyo Ndifumene ileta evela kutata wabantwana abasixhenxe ondibhalele ngosapho lwakhe kwaye, ingakumbi, ngokugula kukanyana wakhe uJason, owagula ngoku wayeneminyaka elishumi elinanye ubudala. Kule minyaka ilandeleleyo, uJason wagula kwakhona amaxesha aliqela. Loo tata wandixelela ngesimo somoya kaJason ukuba wayehleli egcobile wayesoloko enomoya omhle ophezulu nobengezela njegelanga, nokuba wayenengxaki nempilo. UJason wamkela ububingeleli bukaAaroni eneminyala elishumi elinesibini kwaye "esoloko esandisa kakuhle imithwalo yakhe ngendlela encomekayo kakhulu, eziva ephilile okanye engaphilanga." Wamkela Umvuzo (Eagle Scout Award) obizwa ngokuba Amaxhalanga Angabazingeli Akhaliphileyo xa wayeneminyaka elishumi elinesine.

Kwelixesha lehlobo elidlulileyo, kungakabi kude kakhulu emva kokudlula kwemini yokuzalwa kwakhe egcwalisa iminyaka elishumi elinesihlanu, waphinda kwakhona, wagcinwa esibhedlele. Kolunye undwendwelo lwakhe eyokubona ujason, utata wamfumana ecimele. Engayazi nokuba uJason waye lele okanye wayevukile na, wazincokolela naye ethethela phantsi. "Jason," watsho, "Ndiyayazi ukuba uyewahlupheka kakhulu kubomi bakho obufutshane kwaye nalemeko ukuyo ngoku inzima. Nangona unomlo omkhulu kakhulu ngaphambili kwakho, andifuni ukuba ulahlekelwe lukholo lwakho ku Yesu Krestu." Wathi wothuka xauJason wakhawuleza wavula amehlo wakhe kwaye wathi, "Andisoze!" ngelizwi elicace gca, eliqinisekileyo. UJason emva koko wacimela kwaye akaphinda athethe.

Utata wakhe wabhala: Kwesisaziso sicacileyo, uJason wabonakalisa obona bungqina bunamandla, bunyulu bukaYesu Krestu endakhe ndabuva. . . . Njengesazizo sakhe 'Andisoze!' baya babhalwa emphefumlweni wam ngaloo mini, intliziyo yam igcwele luvuyo ukuba uBawo wethu waseZulwini wandisikelela ukuba ndibengutata womntwana oyinkwenkwe omkhulu nolunge kangaka. . . . [Yaba] lixesha lokugqibela endamva ngalo esazisa ngobungqina bakhe bukaKrestu."

Nangona usapho lwakhe lwalulindele oku ukuba bube lelinye nje ixesha eliqhelekileyo lokuba agcinwe esibhedlele, uJason wasweleka ngaphantsi kweveki ezimbini ukusukela loo mini. Umkhuluwa nodadewakhe abadala kuye babesebufundisini ngeloo xesha. Omnye umkhuluwa, uKyle wakhe wayesandula ukufumana ubizo lokuya ebufundisini. Ngokwenene, olo bizo lwafika bengakalilindeli, kwaye ngomhla ka 5 Agasti, kwiveki phambi kokuba Ujason asweleke, usapho lwaqokelelana kwigumbi lakhe lase sibhedlele ukuze ubizo lukaKyle luqhaqhwe lufufundwe apho kwaye kwabelwanwe ngalo nosapho lonke ludibene.

Kwileta yakhe awayendibhalele yona, utata wakhe wafaka ifoto kaJason esebhedini yakhe yasesibhedlele, kunye nomkhuluwa wakhe uKyle eme ecaleni kwebhedi, ebambe ubizo lwakhe loba aye ebufundisini, Lo mfanekiso wawubhaliwe ezantsi kwefoto: "Babiziwe ukuba bayokukhonza ebufundisini kunye—kumacala omabini esigqumathelo."

Umkhuluwa kunye nodade kajason ababesele besebufundisini bathumela iileta ezimnandi nezithuthuzelayo kakhulu ukuba zifundwe emfihlweni kaJason. Udade wakhe, efundisa ebufundisini eArgentina Bueno Aires West Mission, njengenxeny, yeleta, wabhala: "Ndiyayazi ukuba uYesu Krestu uyaphila, kwaye ngenxa yokuba Ephila, sonke, kunye noJason esimthandayo, siyakuphila kwakhona nathi. . . . Singathatha intuthuzelo kulwazi oluqinisekileyo esinalo ukuba sityiniwe kunye njengosapho lwanaphakade. . . . Ukuba senza konke esinako okusemandleni wethu ukuthobela kwaye nokwenza okulungileyo kakhulu kobubomi, siyakumbona [yena kwakhona]." Waqhubekeka: "[I] isibhalo esingcwele ekwakukudala ndisithanda ngoku sinentsingiselo entsha echazayo nebalulekileyo ngelixesha. . . . [Iphuma] Kwincwadi Isityhilelo isahluko 21, ivesi 4: 'Kwaye uThixo uyakubosula zonke iinyembeziemehlweni abo; kwaye akusayi kupghinda kubekho ukufa, kunye nonxunguphalo, nosizi nezikhalo, neentlungu: Kaloku zidlulile izinto zakuqala.' "

Bazalwane bam abathandekayo, kwiyure yethu yonxunguphalo olunzulu, singafumana uxolo olunzulu kakhulu kumazwi e ngelosi ngalantsasa yokuqala yePasika: "Akekho apha: kaloku uvukile."[17]

*Uvukile! Uvukile!*
*Yixele ngaphandle ngelizwi eligcobileyo.*
*Uyiqhekezile intolongo yakhe yentsuku ezintathu;*
*Wonke umhlaba omkhulu ogabaleleyo mawuvuyisane.*
*Ukufa kunqotyiwe; umntu ukhululekile.*
*UKrestu ukuphumelele ukunqoba!*[18]

Ngenxa yamangqina akhe akhethekileyo asemhlabeni namhlanje, leCawa YePasika enozuko, Ndibheza ukuba oku kuyinyaniso, ngegama Lakhe elingcwalisekileyo—kanye kanye igama likaYesu Krestu, UMsindisi wethu—amen.

**IZIKHUMBUZO**

1. Robert Louis Stevenson, "Requiem," in *An Anthology of Modern Verse,* ed. A. Methuen (1921), 208.
2. James E. Talmage, *Jesus the Christ,* 3rd ed. (1916), 20.
3. Yobhi 14:14.
4. Bona Genesisi 1:1–27.
5. Bona Yobhi 38:7.
6. Luka 2:52.
7. Izenzo 10:38.
8. Imfundiso neMinqophiso 19:18.
9. Luka 23:21.
10. Luka 23:34.
11. Luka 23:46.
12. Luka 24:5–6.
13. 1 AbaseKorinte 15:21–22.
14. Imfundiso neMinqophiso 76:22–23.
15. Yohane 11:25.
16. Yohane14:27.
17. Matewu 28:6.
18. "He Is Risen!" *Amaculo,* no. 199.

© 2010 yiMveliso yeNgqondo Ekhuselweyo, Ikhampani Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/09. Isivumelo Sokuguqula: 6/09. *First Presidency Message, May 2010.* Xhosa. 09365 774

# Imfundiso zeXesha Lethu

Izifundo zaBabingeleli beMelkhizedek kunye noMbutho woomama weCawa kwiiCawa zesine ziyakuthathwa kwi "Teachings for Our Time." Isifundo ngasinye singalungiselelwa ngokuthatyathwa kwenye okanye ezinye intetho ezinikiweyo kwikomfa yajikelele esandula ukubanjwa. OoMongameli bendawo eziziNtloko zeCawa nabengiqi bangakhetha ngokwabo ukuba zeziphi na iiNtetho ekufanelwe ukuba zisetyenziswe, okanye bawunike oobishophu kunye noomongameli bamasebe eCawa lomsebenzi wokukhetha iintetho emazibe zizifundo. Iinkokheli kufanele ukuba zigxininise ixabiso labazalwane abanoBubingeleli bukaMelkhezedek kunye nelabazalwane boMbutho wooMama weCawa abafunda nabo kanye ezintetho zifanayo ngeeCawa ezifanayo.

Abo abayakwizigundo zangeCawa yesine bayakhuthazwa ukuba bafunde kwaye eklasini baphathe iincwadi ezinekomfa yajikelele esandula ukwenzeka.

**Iingcebiso zokukunceda xa Ulungisela Isifundo esithathwa kwiiNtetho**

Thandaza ukuba uMoya oyiNgcwele abekunye nawe njengokuba ufunda kwaye ufundise ngentetho okanye (ngezintetho). Ungahendeka ukuba ulungiselele isifundo ngokusebenzisa ezinye izixhobo, kodwa ezi ntetho zekomfa zizo ezivunyiweyo zamiswa ukuba zifundiswe. Umsebenzi wakho kukunceda abanye ukuba bafunde kwaye baphile ivangeli njengokuba ifundiswa kwikomfa yajikelele yeCawa esandula ukubanjwa.

Zijonge uzifunde ezi ntetho, ukhangela imigaqo kunye neemfundiso ezidibana neentswelo zamalungu eklasi yakho.

Yenza ulungiselelo olusisishwankathelo olucwangcisa indlela yokufundisa lemigaqo neemfundiso. Ucwangciso lolungiselelo lwakho lwesifundo kufuneka ukuba lubenayo nemibuzo enceda amalungu eklasi.

- Khangela imigaqo kunye neemfundiso kwintetho (ezintethweni).
- Cinga ngentsiselo yayo.
- Yabelana ngokuqonda, ngamacebo, amava kunye nobungqina.
- Sebenzisa lemigaqo kunye neemfundiso ebomini babo.

| IINYANGA | IZIXHOBO ZESIFUNDO SECAWA YESINE |
|---|---|
| Meyi 2010—Okhthobha 2010 | IIntetho ezipapashwe ngoMeyi 2010 *Liyahona** |
| Novemba 2010—April 2011 | Iintetho ezipapashwe ngoNovemba 2010 *Liyahona** |

**Ezi ntetho ziyafumaneka (ngeelwimi ezininzi) econference.lds.org*



**NguMongameli Henry B. Eyring**
Isekela LokuQala KwisiMongameli SokuQala SeCawa

# Bancede eNdleleni Yabo eGodukayo

*Sibanceda kakuhle abantwana bakaThixo ngokuba sibanike iindlela zokwakha ukholo kuYesu Krestu kwaye nakwivangeli Lakhe elibuyisiweyo xa besebancinane ngeminyaka.*

Bazalwane noodade, uBawo wethu waseZulwini ufuna kwaye uswele uncedo lwethu lokuba sizise abantwana Bakhe bomoya ekhaya Kuye kwakhona. Ndithetha namhlanje ngolutsha abasele bephakathi eCaweni Yakhe yokwenene kwaye sebeqalile kwindlelana esa ebomini banaphakade emxinwa. Kwaye Uswele uncedo lwethu lokuba sibabuyisele kule ndlelana ngokukhawuleza xa beqala ukuzulazula belahleka.

Ndandingu Bishophu osemncinci ngeminyaka xa ndaqala ndabona kakuhle ngokucacileyo ukuba kutheni iNkosi ifuna ukuba thina someleze abantwana xa besebatsha kwaye sibasindise kusemsinyane. Ndizakunixelela ngebali lomnye umntu owayesemtsha omelet abaninzi endazama ukubanceda kuleminyaka.

Waye hleli ngaphaya kwedesika yam yobubishophu phambi kwam. Wancokola nam ngobomi bakhe. Wayebhaptizwe kwaye wavunywa njengelungu leCawa ngoku wayeneminyaka esibhozo. Kwakungekho zinyembezi emehlweni akhe njengokuba wayendibalisela ngeminyaka yakhe engamashumi amabini eyalandelayo emveni kokuba ebhaptiziwe, kodwa kwakukho usizi elizwini lakhe. Whathi indlela eqengqelekayo ukuhla yaqala ngokuzikhethela kwakhe azenzele izigqibo zokuzivanisa nabantu awayecinga ukuba babebahle benolonwabo olwenza imincili. Waqala wayeka ukuhlonipha okwathi ekuqaleni kwabonakala ingathi ngumthetho ongabalulekanga.

Ekuqaleni wava ukuhlupheka okuncinci wazisola kancinci nje. Kodwa ukuvana kwakhe neetshomi zakhe bamnika ithuba lokuva uthando ngaphakathi kuye nokuba ethandwa zitshomi zakhe, ngoko ke izigqibo zakhe awayemana ezithabatha zokwenza uxolo aguquke zazimana zibonakala zingabalulekanga kangako. Njengokuba ubunzulu bemithetho awayeyaphula babusongezeleka engena esonweni nzulu, iphupha lekhaya elonwabileyo lanaphakade lalisiya liba luzizi ukubonakala.

Wahlala phambi kwam ngaphaya kwedesika kwindawo awayeyibiza ngokuba imbi kakhulu. Wayefuna ukuba ndimncede kwelokhonco lesono eli wazifumana ebophelelwe lilo. Kodwa indlela ekukuphela kwayo yokuba akhululeke yayikukuba asebenzise ukholo kuYesu Krestu, ukuba abanentliziyo eyaphukileyo, aguquke, kwaye ke ahlanjululwe njalo, atshintshe, kwaye omelezwe ngeNtlawulo yeNkosi. Ndabelana naye ngobungqina bam ukuba kwakusenokwenzeka. Kwaye kwakunjalo, kodwa kwakuzakubanzima kakhulu kunokusebenzisa ukholo kwangaphambili ekuqaleni ebomini bakhe, kuhambo lwakhe oluya ekhayeni kuThixo, kwasekuqaleni kwangokuya wayeqala ukulahleka.

Kengoko sinceda abantwana bakaThixo kakuhle ngokuba sibanike iindlela zokwakha ukholo kuYesu Krestu kunye nakwi vangeli Yakhe ebuyisiweyo xa besebatsha. Kwaye emva koko kufuneka sivuse olwakholo ngokukhawuleza phambi kokuba lubeluzizi njengokuba beyishiya la ndlelana.

Kengoko wena Nam singalindela ithuba eliphantse liqhubekeke lokuba sincede abahambi phakathi

kwabantwana bakaThixo. UMsindisi wasixelela ukuba kutheni nje kuyakuba njalo xa Wayeyichaza le ndlela inzima iya ekhaya yabo bonke abantwana bakaThixo bomoya xa behamba phakathi kweenkungu ezidalwa sisono kunye noSathana:

"Ngenani nina kuleheke ime nkqo; ngokuba ibanzi leheke, kwaye ivulekile indlela, ekhokelela ekuphalazekeni, kwaye baninzi abantu abangenayo kuyo.

"Ngokuba lendlela ime nkqo, kwaye indlela yona imxinwa, ekhokelela ebomini, kwaye bambalwa abo abayifumanayo."[1]

Ukubona ngaphambili iintswelo zabantwana Bakhe, uBawo waseZulwini osithandayo wabeka iindlela nenkokhelo kwalapha kulendlela yokuba sihambe njani na kunye nabancedi. Wathumela uNyana Wakhe, uYesu Krestu, ukuba abeke indlela ekhuselekileyo nebonakalayo. Wabiza UMprofeti Wakhe kulamaxesha uMongameli Thomas S. Monson. Ukusukela elutsheni lwakhe uMongameli Monson akafundisanga ngokuhlala kulendlela nje kuphela kodwa nokuba singabanceda njani na abo abalahlekisiweyo baya entluphekweni yomphefumlo.

UBawo waseZulwini usithumile ukuba siye kwizitishi ngezitishi ukuba someleze kwaye, xa kufuneka, sikhokele abahambi ukuba baye elukhuselweni. Owona msebenzi wethu ubalulekileyo kwaye onamandla uselusatsheni lwethu. Babalulekile ngokuba usapho lunethuba lokuqala ubomi bomntwana ukuba abeke iinyawo zakhe zizinze endleleni eya ekhaya. Abazali, abantakwethu, noodade, oomakhulu nootatomkhulu, oomakazi, oodadobawo, ootatomncinci kunye noomalume benziwe babangabacebisi anamandla kunye nabancedi ngamaqhina oothando ayindalo yoosapho.

Usapho lunethamsanqa kwiminyaka yokuqala esibhozo yobomi bomntwana. Kuloo minyaka ikhuseliweyo, ngokuba iNtlawulo kaYesu Krestu, intsebenziso kaSathana yenkungu yobumnyama ukufihla indlela eya ekhaya inqandiwe. Kuloo minyaka ixabisekileyo iNkosi inceda iintsapho ngokubiza abasebenzi basePrimari ukuba bancede bomeleze abantwana ngokomoya. Kwaye usinika AbanoBubingeleli bukaAaroni kuba balungise umthendeleko. Kulaa mithandazo yomthendeleko, abantwana bava isithembiso sokuba ngenye imini bayakufumana uMoya oyiNgcwele njengomkhokeli ukuba bayakuyithobela imithetho kaThixo. Isiphumo soko, bayakhuselwa ukuba baphikise izihendo xa zisiza kwaye emva koko, kwelinye ixeha kwixesha elizayo, bahambe bayokunceda abanye.

Oobishophu abaninzi eCaweni bayaphenjelelwa ukuba babize abona bantu bomeleleyo ewadini yecawa ukuba bakhonze umntwana ngamnye ePrimari. Bayabona ukuba ukuba abantwana bayomelezwa ukholo lwabo kunye nobungqina, abayokufane baswele ukusindiswa xa sebekhulile beselutsheni.

Sonke singanceda. Oomakhulu kunye noootatomkhulu, kwaye nawo onke amalungu abamaziyo umntwana banganceda. Akufuneki de umntu aze abizwe ukuba abasePrimari. Kwaye oku akunqandwa yiminyaka yomntu. Omnye umfazi onje, esemncinci ngokweminyaka, wayekumbutho wePrimari owanceda ukuba kubekho olaphawu iCTR.

Akazange adinwe kukukhonza abantwana. Wafundisa iPrimari yewadi yakhe, ezicelele yena, wade waba neminyaka anagamashumi asithoba. Abantwana abancinci babeluva uthando lwakhe. Babona umzekelo wakhe. Bafunda kuye imigaqo ecacileyo yevangeli kaYesu Krestu. Kwaye ngaphezulu koko bafunda ukukwazi ukuva uMoya oyiNgcwele. Kwaye xa babewuva, babesendleleni yabo yokuba nokholo lokuphikisa izihendo. Kwaye bayasinda ekusweleni ukuncedwa kwaye bayakulungela ukunceda abanye.

Ndafunda ngamandla okholo olucacileyo emthandazweni kwaye nakuMoya oyiNgcwele ngoku abantwana bethu babesebancinci. Unyana wethu omdala wayengakabhaptizwa. Abazali bakhe, Abafundisi bakhe basePrimari, kunye nabakhonzi abangababingeleli bazama ukumnceda ukuba akwazi ukuva nokuqonda uMoya kwaye akwazi ukufumana uncedo lomoya.

Ngenye imini unkosikazi wam wamthatha wamsa ekhayeni lomnye umama owayemfundisa ukufunda. Icebo lethu yayikukuba Ndandizayokumlanda endleleni ebuya emsebenzini.

Isifundo sakhe saphela msinyane ngaloo mini. Wayezithembile ukuba

uyayazi indlela egodukayo. Ngoko ke wazihambela. Uthi emva koko wayezithembile ngokupheleleyo ukuba uyayazi indlela egodukayo kwaye wayeyithanda lonto yokuba azihambele ngokwakhe. Emva kokuba ehambe iikhilomitha ezisibhozo, kwaqala kwabamnyama. Waqala wava ingathi wayesekude ukuba afike ekhaya.

Usazikhumbula izibane zeemoto xa zazimdlula zingabonakali kakuhle ngenxa yenyembezi zakhe. Wayeziva njengomntwana omncinci, engaseyiyo lankwenkwe yayizithembile ukugoduka yodwa. Waqaphela ukuba ufuna uncedo. Ze emva koko wakhumbula nto. Wayesazi ukuba kufuneka athandaze. Kwaye wayishiya ke loo ndlela ze wabhekisa ngakweminye imithi awayengayiboni kakuhle ngenxa yokuba kwakumnyama. Wafumana indawo anokuguqa kuyo.

Kuloo matyholo wava amazwi esiza ngakuye. Abantu abasebatsha ababini bamva ekhala. Njengokuba babesondela kuye, bathi, "Singakunceda?" Ekhala wabaxelela ukuba ulahlekile kwaye wayefuna ukugoduka. Bambuza ukuba wayeyazi na inambari yomxeba yakowabo okanye iadilesi yakhe. Wayengayazi. Bambuza ukuba uyalazi na igama lakhe. Wayelazi. Bamhambisa bamsa kwindawo ababehlala ngakuyo. Bakhangela igama losapho lwethu kwincwadi yefoni.

Ngoku ndandiwufumana loomnxeba, Ndabaleka ndayokunced, ndinombulelo wokuba abantu abanonubele babekwa kuloo ndlela yakhe egodukayo. Nangoku ndisenombulelo kakhulu ukuba wafundiswa ukuthandaza ngokholo ukuba uncedo luyakufika xa elahlekile. Olo kholo lumkhokelele elukhuselweni kwaye lamzisela abanye abancedi ngamaxesha amaninzi angakwaziyo nokuwabala.

INkosi ibeke iindlela yokunceda kwaye nabancedi ekmkanini Lakhe. Ngobulumko bakhe iNkosi iphembelele Abakhonzi bakhe ukuba babeke iindlela ezinamandla zokusomeleza kwaye nokubeka endaweni abona bancedi balungileyo njengokuba sikhula ngokweminyaka.

Uyazazi iinkqubo ezimbini ezisinikwe yiNkosi. Enye Yeyolutsha olungamantombazana ebizwa ngokuba YiNkqubela Yomntu Ngamnye. Enye, yeyabanobubingeleli buka Aaroni, ibizwa ngokuba nguMsebenzi kaThixo. Sikhuthaza abantu abancinci abakhulayo ukuba balenzala ukuba babone amandla wabo okukwazi ukwakha ukomelela komoya okukhulu. Kwaye siyabacela kakhulu abo abakhathalayo ngolutsha ukuba ukuba bakhawulele into iNkosi ebacela yona ukuba bancede. Kwaye kuba ikamva leCawa lixhomeke kubo, sonke siyakhathala.

Ezi nkqubo zimbini zihlaziyiwe zalungiswa, kodwa umsebenzi nenjonjongo yazo ayikatshintshi. UMongameli Monson wayibeka ngalendlela: kufanele ukuba "sifunde ekufuneka sikufunde, senza ekufanele ukuba sikwenze, kwaye sibe yilento ekufanele ukuba sibe yiyo."[2]

INkqubo Yenkqubela yomntu ngamnye yincwadi yamantombi alu lutsha yenza injongo ukuba icace kubo: "INkqubo yenkqubela phambili isebenzisa iimpawu ezilixabiso ezisibhozo zokukunceda ukuba uqonde kabanzi nangokugcweleyo ukuba ungubani na, ungubani apha emhlabeni, kwaye ufanele ukuba wenza ntoni na njengomntwana oyintombi kaThix ukukulungiselela ukuba ngenye imini uye etempileni uyokwenza iminqophiso engcwalisekileyo.

Le ncwadi iyatsho ukuba amantombazana "bayakuzibophelela, benze izithembiso, bazifeze ezi zithembiso kwaye banike utitshala, inkokheli nomzali wabo ingxelo yenkqubo yabo." Iyaphinda ithembise ukuba "imikhuba oyisekayo njengokuba usebenzisa leNcwadi nale Nkqubo—nengomthandazo, ukufunda izibhalo ezingcwele, inkonzo nokunceda, kunye nokugcina incwadi yakho yembali yakho—iyakuba ziziqhelo nemikhuba emihle yarhoqo ngemini. Ezi ziqhelo nemikhuba emihle ziyakukomeleza ubungqina bakho kwaye zikuncede ukuba ufunde kwaye ukhule kakuhle ebomini bakho.[3]

Inkqubo yoMsebenzi esinawo kuThixo yeyabafana abanobubingeleli bukaAroni kwaye yomeleziwe yaphuculwa injongo yayo. Iza kuba sencwadini enye ecacileyo yenzelwe amanqanaba amathathu obuBingeleli buka Aroni. Abafana kunye neenkokheli zabo bayakuyifumana le ncwadi intsha. Isisixhobo esinamandla. Iyakomeleza ubungqina babafana kunye nodlelwano lwabo noThixo. Iyakubanceda ukuba bafunde kwaye bazalekise imisebenzi yabo yobubingeleli. Iyakomelazo udlelwano lwabo nabazali babo, namalungu equmrhu, kunye neenkokheli zabo.

Zombini ezinkqubo zibeka umthwalo omkhulu kwinzame zolutsha ngobuqu. Bayamenywa ukuba bafunde kwaye benze izinto ezinokuba nzima kuye wonke umntu. Njengokuba ndikhumbula ubutsha bam nam, Andikhumbuli ndisiva ubunzima. Oh kumaxesha ambalwa Ndandimenyiwe ukuba ndikhawulele uvavanyo, kodwa kwakungamaxesha ambalwa. Ezi nkqubo zilindela izenzo ezifanayo ezingaphikisaniyo, iinzame ezinkulu, kwaye kunye nokunyuka nongezeleko lwemfundo, kunye namava omoya kuleminyaka.

Kwinkumbulo yam Ndiye ndaqaphela ukuba ulwazi oluphakathi kwezi ncwadi yimbonakaliso ebambekayo nebonakalayo yekuthemba kweNkosi isizalo esikhulayo kwaye nakuthi sonke esibathandayo. Kwaye ndinobungqina bokuba elithemba libekwe apho lifaneleke khona.

Kundwendwelo lwam ndabukela ababingeleli boBubingeleli bukaAroni besebenza. Ndibonile abafana belandela iindlela zokufunda, besenza amacebo okwenza into uThixo ayifunayo kubo, kwaye beshukuma behamba besenza into abazibophelele ukuba bazakuyenza kwaye besabelana nabanye ukuba baguquke njani na ngokomoya. Kwaye njengokuba ndandibabukele ndibamamele, kwacaca ukuba ootata, noomama, neenkokheli, neetshomi, kwaye nabamelwane ecaweni babechukunyisiwe nguMoya njengokuba babesiva ulutsha lungqina ngendlela elomelezwe ngalo. Ulutsha lwaphakanyiswa njengokuba lingqina, kwaye nabo ababezama ukubanceda ukuba banyuke.

Inkqubo yamantombazana kuyo inendlela enamandla nayo yokukhulisa ukomelela komoya emantombazaneni kwaye nokubanika ithuba lokuba bafumane imimiselo yetempile. Bancedwa yimizekelo yoomama noomakhulu, kunye nabanye abalungileyo ababangqongileyo eCaweni. Ndibonile indlela abazali abanceda umntwana wab kuba afeze iinjongo zakhe kunye namaphupha bao ngokuqwalasela nokuxabisa zonke izinto ezintle azenzayo.

Kwintsuku ezimbalwa nje ezidlulileyo Ndabukela umama esima nomntwana wakhe oyintombazana njengokuba babemisiwe bebulelwa bebonakaliswa ngenxa yokuba babeyimizekelo yobubhinqa ehloniphekileyo. Kwaye njengokuba babesabelana nam ukuba babeziva njani na ngokukuxatyiswa, Ndava imvume yeNkosi kunye nenkuthazo yakhe kuthi sonke.

Kulo lonke uncedo esinokulinika ulutsha, olona lukhulu kukuba sibayeke baluve ithemba esinalo kubo lokuba basendleleni eya ekhaya kuThixo kwaye bangaphumelela. Kwaye sikwenza oko kakuhle ngokuba sihambe kunye nabo. Ngokuba lendlela iyanyuka kwaye ngamanye amaxesha iyahexha, ngamanye amaxesha bangatyhafa, kwaye bakhubeke. Ngamanye amaxesha bangadideka ngesiphelo sohambo lwabo kwaye balahleke bahoye iinjongo ezingabalulekanga kunaphakade. Ezi nkqubo zizengempembelelo ziwahlisa amathuba okulahleka ngokuba ziyakukhokela ulutsha ukuba lumeme kwaye lifumane ubuqabane boMoya oyiNgcwele.

Eyona ngcebiso ilungileyo esinokuyinika ulutsha kukuba bangakwazi ukubuyela kuBawo wethu waseZulwini ukuba qha bakhokelwa kwaye balungiswa nguMoya kaThixo. Ke ukuba sinobulumko, siyakuba khuthaza, sibadumise, kwaye sibengumzekelo kuyo yonke into emema ubuqabane boMoya oyiNgcwele. Xa besabelana nathi izinto abazenzayo nabazivayo, nathi kufanele ukuba siwufanele uMoya. Ke bayakuva kwindumiso yethu nasekuncumeni kwethu imvume kaThixo. Kwaye ukuba siva imfuneko yokunika ingcebiso yokuqeqesha, bayakuluva uthando lwethu kunye nothando lukaThixo olukuthando lwethu, bangathuki kwaye bangali, oko kungenza uSathana ukuba abakhokelele kude.

Owona mzekelo bawusweleyo kuthi kukuba benze oko ekufanele ukuba bakwenze. Kufanele ukuba sithandazele izipho zoMoya. Kufanele ukuba sizikise ukucinga ngezibhalo ezingcwele kunye namazwi abaprofeti abaphilayo. Kufanele ukuba sense amacebo angayominqweno nje kuphela kodwa ayiminqophiso. Kwaye emva koko kufanele ukuba sigcine izithembiso zethu eNkosini. Kwaye kufuneka ukuba siphakamise abanye ngokwabelana nabo iintsikelelo zeNtlawulo eziyinxenye yobomi bethu.

Kwaye kufanele ukuba sibengumzekelo ebomini bethu wokholo oluqinileyo Inkosi elilindeleyo kubo. Njengokuba sisenza njalo,

siyakubanceda ukuba bave eMoyeni isiqinisekiso sokuba ukuba bayaqhubekeka, bakuwava amazwi avela kuMsindisi obathandayo kunye noBawo waseZulwini: "Nenze kakuhle, ninabakhonzi abalungileyo nabanokholo: nina nibe nokholo kwizinto ezimbalwa, Ndiyakunenza abalawuli bezinto ezininzi: ngenani elonwabeni lweNkosi yenu."[4] Kwaye thina ababancedayo endleleni yabo siyakuwava lomazwi ngolonwabo.

Ndiyangqina ukuba iNkosi iyanithanda kunye naye wonke umntwana kaThixo. Eli likumkani Lakhe, libuyisiwe kunye nezitixo zobubingeleli ngoMprofeti uJoseph Smith. UThomas S. Monson ungumprofeti weNkosi namhlanje. Ndiyanithembisa umntu ngamnye kuni, njengokuba nilandela inkokhelo yakhe ephembelwa ngumoya oyingcwele, kwiCawa ka Yesu Krestu eyinyaniso, ukuba ulutsha lwethu kunye nathi ababancedayo nababathandayo singakhululwa lula sifike ekhayeni lethu noBawo wethu waseZulwini kunye noMsindisi ukuba siphile esatsheni kunye naselonwabeni unaphakade. Ngegama likaYesu Krestu, amen.

**IZIKHUMBUZO**

1. 3 Nefayi 14:13–14.
2. Thomas S. Monson, "To Learn, to Do, to Be," *Liahona,* Nov. 2008, 67.
3. *Young Women Personal Progress* (booklet, 2009), 6.
4. Matewu 25:21.

© 2010 yiMveliso yeNgqondo Ekhuselweyo, Ikhampani Onke amalungelo agciniwe. Kubhalwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/09. Isivumelo Sokuguqula: 6/09. *Visiting Teaching Message, May 2010.* Xhosa. 09365 774